



**BREED VALLEY**  
MUNICIPALITY • MUNISIPALITEIT • UMASIPALA

bvm@bvm.gov.za 

023 348 2600 

30 Baring Street, Worcester, Western Cape  
6849, South Africa, Private Bag X3046

[www.bvm.gov.za](http://www.bvm.gov.za)

In your reply, please quote:

Reference: 12/3/1/1/1

Enquiries: Jolé le Roux (023 348 2850/ [jole@bvm.gov.za](mailto:jole@bvm.gov.za))

## **ISAZISO SIKA WONKE-WONKE:**

### **I-CORONA VAYIRASI (COVID 19)**

#### **NESIBHENGEZO MALUNGA NENTLEKELE UZWELONKE AJONGENE NAYO**

uMasipala uyewasamkela isibhengezo esenziwe ngu Mongameli nge Cawa 15 Matshi 2020 kwaye sizakulandela imiyalelo elandelayo ekhutshwe nesetyenziswa ze sibenentsingiselo esi sibhengezo. uMasipala uzakusebenzisana norhulumente ka zwelonke kwanephondo ukuqinisekisa ukuba iinkonzo zakwa masipala kwanenkqubo iyahambiselana nanjengoko kulindelekile.

#### **1. Iinkqubo zokuthatyathwa kwenxaxhaba kuka wonke-wonke**

Umasipala kufuneka alungise ahambelane neenkqubo zokuathatyathwa kwenxaxhaba ngu wonke-wonke kwixesha elizayo nelisondeleyo, nanjengokuba singazukwazi ukubamba imihlangano no wonke-wonke.

#### **2. Uniko-zinkonzo zakwa masipala**

Uniko-zinkonzo zakwa masipala luzakuqhubeka ngokwesiqhelo Abahlali bayacelwa ukuba bangazindwendweli ii-ofisi zakwa masipala kwanesenta zakhe oku kuquka amathala eencwadi, ngandle kokuba kunyanzelekile Yonke imibuzo kufuneka yenziwe ngemfono-mfono okanye ngale ndlela ilandelayo:

- [rekords@bvm.gov.za](mailto:rekords@bvm.gov.za)
- (023) 348 2600 (ngamaxesha omsebenzi)
- 0860 12 12 12 (Kwisenta kamasipala yonxibelelwano evulwa iiyure eziyi 24)

**A caring valley of excellence.**

### **3. Ukuhlawulwa kwamatyala akwa Masipala, izigwebo kunye nezinye iintlawulo.**

Abahlali kufuneka baqinisekise ukuba amatyala abo akwa masipala, izigwebo nezinye iintlawulo bayawahlawula njengoko kulindelekile. Le ntlawulo ingenziwa kwii-ofisi zakwa masipala nakumaziko ezothutho.

Abahlali bayakhuthazwa ukuba bahlawule ngendlela zesimanje-manje zekhompuyutha nakumaziko okwenjenjalo.

linkcukacha zokuhlawula amatyala nezigwebo zakwa masipala:

- uMasipala wase Breede Valley
- NEDBANK
- Inombo ye-akhawunti: 116 075 5019
- Ikhawudi yesebe: 198765
- Inombolo ye-akhawunti yakho yakwa masipala/Isigwebo (inombolo yesaziso)

Ukuthengwa kombane oseza kuwusebenzisa kuzohlala kusenzeka ngesiqhelo apha uthengiswa khona.

### **4. Imihlangano ka wonke-wonke ne ndawo zika wonke-wonke**

Yonke imihlangano ka wonke-wonke eyezemidlalo emabaleni nakwindawo zokuhlangana (Amaholo edolophu, amaholo asekuhlaleni iisenta zeThusong) nakumathala eencwadi ayizuqhubekela okanye imisiwe ze niphinde naziswe okanye de sicetyiswe ziSenta zoLawulo lwee Ntlekele kuzwelonke nasemaphondweni.

Wonke amadama kamasipala, amabala ezemidlalo nendawo zokuhlanganela zivaliwe side saziswe nangakumbi.

### **5. linkqubo ezongezelelweyo ezijoliswe kubasebenzi kunye nabandwendweli**

uMasipala uye wazisa ngee nkqubo ezongezelelweyo nezijoliswe kuceceko nokugcinwa kwe- ofisi nesayithi zikwimeko enempilo: Oku kuquka:

- a. Ukukhuthazwa nokongezwa kwamatyeli okucocwa kweendawo/izinto esivamise ukubambelela kuzo
- b. Ukubolelelwa kwabasebenzi nabandwendweli ngesanithayiza kuzo zonke iindawo esingena kuzo
- c. uMasipala ucebise abasebenzi ukuba bathobelela oko kufuneka bekwenzile ngokwezempilo, ukhuseleko labucala, ukuze siinqande ukunwenwa kwalentsholongwane

- d. Ukunqandwa kohambo lwabasebenzi noo ceba ngaphandle kwemida ka masipala
- e. uMasipala uqulunqe ikomiti yezempilo nokhuseleko ijongane ibeliqela eliqwalasele iimeko ye Corona ngalo lonke ixesha kwaye icebisa ngazo zonke iindlela ezikhoyo zokunqanda usasazeko

**6. Imihlangano yemingcwabo kumangcwaba akwa Masipala**

Abangcwabi neentsapho kufuneka beqhagamshelene nee-ofisi zakwa kwangethuba malunga nokungcwaba kumangcwaba akwa masipala, phambi kokuba benjenjalo. Amaxesha abekiweyo okwenza loo malungiselelo yimizuzu eyi 30 kusenzelwa oku.

- 7. uSodolophu ogunyazisiweyo ubongoza abahlali bancede bazithabathele ingqalelo zonke izibhengezo ezimalunga nalentsholongwane balandele imiyalelo. Ngokusebenzisana, singanako ukulawula ukusasazeka kwale ntsholongwane.



**ALDERMAN A STEYN**  
**EXECUTIVE MAYOR**  
**17 March 2020**